

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI NE, MARCH 6, 1890.

[No. 277

IXESHA LE BHOLA, 1889.

DYER NO DYER,

BANQIKA into eninzi ye Mphala ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe; kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABAZINTLOKO.

I-BHATI.

Zika Lillywhite, Izipato ze Cane 16s
„ Ezilunge ngapezulu 21s
„ Ezispeshele 21s
„ Eziketiweyo 25s
„ Duplex Driver 30s
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s
„ I Eziyi Double Cane 17s

Zika Cobbet's Cane Zonke 19s
„ Ezenziwe Speshele 25s Bartlett's
ezi Double Cane 13s 6d
„ ezi All Cane 16s 9d
„ ezi Kuncootula 19s 6d Zamadoda zoku
praktisa 5s 6d, 8s „, Dove Tail (extra strong) 9s

I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d. I-Stumps
5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d. Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindweyo
„ extra strong 6s 3d. katatu 9s.
Ezentsapo 2s 6d. „ I Catgut „, 10s.
Ezika Duke ze Match 5s 6d, 3d, 7 „, Lilly white 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu
Iwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.

Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and 19s. Eze Bhokwe 7s 3d Eze Buff Chamois 7s 3d.
I New President Batting Glove 9s 6d.

*Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze
Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.*

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza
ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER,
ABANENGUBO ZAMANENE,

KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini,
amanani awodwa kule mphala. Paula Mlesi!

KO PASCOE
LIFANDESI (SELLING OFF).

Yonke impahla yabo ayitengiswa iyahlhlwa.

Ngentsuku ezi 16: kuqala ngolwesi-HLANU, 28 FEBRUARY de kube
ngo MARCH 15.

KWA-FOLOKOCO,

Ngezantsi kwe Tyalike yama Ngesi yase Rabe

E-QONCE
BON MARCHE!

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani
angemakulu],

GRAHAM'STOWN

*Saneke ltyali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye.
Ikatiko Emhlope ne Brown, iqala 2 ½ d. yd.
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 ¾ d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze
Print, 3d., 4 3/4d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye
amabala 7/- inye. Iblanket zoboya ziqala 51- inye.
Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 7/5 inye.*

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand'
ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.

ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s. IHEMPE, 1s. inye.

*Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi "Mvo" maze akuxele oko. Ukuba
utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (£1) 'uyakubuye ayinikwe isheleni ngeponti nganye.*

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'STOWN

EZAKOMKULU NGE GUNYA

ISAHLULO SASE QONCE.

Isaziso sika Rulumente Ngemihlaba.

KUYAZISWA okokuba imali
Yemihlaba Yezikonkwane, neyo
Notenga, neye Ngqesho ifuneka
ibhatelwe ekupeleni kwalonyaka
odluleyo, kufuneka ibhatelwe kuyo le
Office ngapakati kwenyanga ezintatu
kuwo lomnyaka, kodwa kungagqiti le
yesitatu inyanga, u MARCH, 1890.
Ongasipulapulanga ke esi Saziso,
engabhatalanga irafu yake, nya kutinjwa
impahla yake, itengiswe ngawo u Mteto u No.
9 ka 1884.
Irafu Zikonkwane neyo Notenga ngo Mteto
No. 14 ka 1878, nango Mteto No. 10 ka 1889
neye Ngqesho ngo Mteto No. 19 ka 1864, nayo
eye Mhlabana ngapantsi kwo Mteto n No.7 ka
1882 ifuneka ibhatelwe ngapambill,
ngokutwasa kwonyaka werafu.

W. B. CHALMERS,
Civil Commissioner.
Civil Commissioner's Office,
King Williams Town,
2nd January, 1890. 3390

KWI HEWU.

KUYAHLOKONYISWA
ukwaziswa okokubange
Siqendu Sokuqala so Mteto we
Mihlaba Elahliweyo No. 3 wo
1879, ohlonyelwe ngo Mteto
No. 24 we 1887, okokube
iziziba zomhlaba ezise Hewu
nase Kamastone, kwisiqingata
sase Queenstown, itatyatelwe
ukuba yelahlweyo ngoko kuxelwa
emtetweni; nokokuba
u Rulumente uya kuyitabata
ngo 15th JUNE, 1890,
de kube kuko ibango nokuhlulwa
kwe rafu ezidlulelwe ngamaxesha
kwi Civil Commissioner ye
Siqingata, njengoko kufunwa sesi
sahlulo salo Mteto sise
sikankanyiwe.
Incazo ezeleyo yale mihlaba
ilahliweyo yofunyanwa kwi
Government Gazette Notice No.
1010, 1889, yomhla wa 25
November, 1889, eshicilelwe
kwi *Government Gazette*.

W. B. CHALMERS,
Civil Commissioner.

King Williams Town,
13th January, 1890.

GRAY

Incindi Epitekeziweyo

—YE—

LINSEED NE
HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA
INGQELE, nazo zonke Izikuhlana
zo MQALA ne MIPUNGA

1/6 NGEBHOTILE.

2/- LITUNYELWE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

Mawetu! Mawetu!!

Y AZINI ukuba ndivule ecaleni kwe
Kaya " IVENKILE YENTWANA
ZONKE EZIFUNEKAYO. Kuko
nesebe Lencwadi ekuza kubako kulo
zonke izishicilelo ezikoyo zesi Xhosa.
Ako Amaculo amahlelo onke. Kuko ne Noti
(Tonic Soffa) ezimaculo matsha, amnandi.
Elisebe lisaya kufezekiswa ukwanelisa
ititshala, njalo-njalo.

PAUL XINIWE,
General Agent.
King Williams Town, June 10, 1889

Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ezamadoda Ibhulukwe ze Stofu 5s 6d, 6s 9d, 7s 6d, 8s 11d. Ibhulukwe
ze Kodi (EZILUNGILEYO KANYE) 7s 6d. Ibhaty Zamadoda—
iqukunjelwe yonke, 5s 6d.

Ibhaty Ezimnyama Zamadoda ze Tweed, 15s 6d. Isuti ezitambileyo
zamadoda, 12s 6d, 14s, 18s 6d, 20s. Ibhulukwe ezingwevu zokutshata
16s 6d.

Izihlangu zabafazi 5s.

Izihlangu zamadoda zohlobo ezomeleleyo 7s 6d.

Ihempe zokusebenza zamadoda, ziqala kwi 1s.

Ihempe zesitashi zamadoda (ezinamabala), 2s 6d.

Ezimhlope Ihempe zamadoda zesitashi, 3s 9d.

Ikapisana ze Tweed zamadoda, 10 ½ d.

Ezamadoda Izihlangu ze njiroba, 6s.

Iminqwazi yamadoda ye Tweed, iqala kwi 1s 6d umnye. Eyofele
iminqwazi yamadoda, 2s.

Ozi Keleko, Printi, zi Tafu zamanenekazi,
Mazilini, Izinxibo zokutshata ze
Satini, Izigubungelo zaba Tshakazi,
nezinye izinto.

Abamnyama bayayitunyelwa impahla ngeposi
xa balitumeleyo ixabiso layo.

Bayasikelwa Ingubo Abatandayo.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

BAKER, BAKER & CO

Elobushushu Ixesha,

Elokubanda Ixesha,

Elobumanzi Ixesha,

Elokoma Ixesha,

Onke Amaxesha.

BAKER, BAKER & CO.

BANEKE NGOKU

Ingubo Ezifudumeleyo,

Ingubo Ezipolileyo,

Ingubo Ezilungileyo, Ingubo
Ezingangenwa mvula. Zamaxesha onke
ngamanani onke.

KANIZE KUBUZA I

Bhulukwe zetu ze Kodi ezitshipu

I BLANKETE, IMINQWAZI,

AMAQHINA, IZIHLANGU,

NOMAQATENI (Shoes).

EZIBALULEKILEYO,

ISUTI ze TWIDI ZAMADODA, 11/6.

IHEMPE ZAMADODA, 1/- and 1/6.

BAKER, BAKER & CO.

EQONCE.

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setiniemhlope i-Ready-made 30/-.
I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-.
I-lokwe ze Alpaca emhlope) Zokutshintsha
I-lokwe ze Setini enamabala) 17/6.
I hempe ezimhlope 1/6 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/- inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi | I-SETINI E CREAM 10d. nge yadi
I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.
I Printi ezingapumiyo 3d- nge yadi.
I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d., ngoku zitengiswa nge 4d.
Ityali zokuhomba ehlotyeni.

GIBBERD & BRYANT,

NGOWAMA 25 kwefileyo knbuye kwabanjwa isidlwengu apa esingu gweva we dayimani. Ubanjwe e Christiana, ukuba ngentsuku ezilishumi wake wagwaza inkazana wabaleka. Ngutaminani omdala.

IKOMKULU lase Portugal likuvumile ukuba alinalaulo kunama Ngesi kwelama Matshona, noko amalungelo alo lingasayi kuwalahla wona.

ESIKUNDLENI sika mfi u Oom Flepu Myburg e Palamente, obemele i Stellenbosch, kucingwa pakati ko Messrs. Peter de Waal W. A. Krige no J. A. Faure, eyena ngati uyatandwa ngu Krige lowo.

E ESTCOURT, e Natal, umqubi woliywe uminxelwe zinqwelo ezilayishe imiti wafa ekuqaleni kweveki epelileyo.

ALIDUDUMI, liro! inqaba! Liselike lawa futi-futi. Ngolwesi-Ne lweccawa edluleyo ngesi Bhofole lwatsho kumfazi obehlala kwilite lakwa Ntsileni (Ainslie) kwapela, yati intombi yake layiraula.

NGU Sir Jacob Barry Ijaji ejikelayo kwezase Rini.

SINOSLZI ukuba ukuba ute unyana omnyaka isixenxa ka Rev. A. T. Rhodes wase Qonce, edlala nodade wabo nge Sabata egqitileyo bawo bobabini, yapuka ingalo yenkwankwana ngentla kwengqwiniba.

NGOLWESI-NE, MARCH 4, 1890.

U Sir Gordon Ngempato ya Bantsundu.

NGEVEKI edluleyo sibe sikukuza kulo mhlati itambo lenteto ze Nkulu-mbuso ezipatelele kwabantsundu, ate u Sir GORDON SPRIGG wazenza ngalo mjikelo we Ruluneli. Sibe sizama ukumisa inteto esibe site lemnumzana ungumfo owoyiswayo sisitunzi somntu omkulu ; ekute ke njengokuba ite i Ruluneli yazitimba intliziyo zabo bonke nabakowetu ngobubele, akaswelekelwa u Sir GORODN kukuba awaqonde amabala edle ngawo ingwe enkulu. Kwinteto ayenze e Dodoloro, esiyanekwe kweyeviki egqitileyo IMVO, sifumene epefumla um'phunga oyoliliseyo. Sibe site kukweyase Bhekesdorp apo ate yaziyalusea ukuvakalisa uhlobo azakuwupata ngalo umzi ontsundu. Amazwi awenze kona abhekisele kwa Bantsundu siwabeka pambi kwabalesi betu. Ngawo la :—

Ndwa ububi ukuti Umpatiswa Bantsundu useempilweni embi kunene, usese England ndaye ndisoyikela ukuba uyakuke abe nexsha elide ekona. Ndinolanzelelo lokuba lwangamana utyelelo lwake kwelozwe lungapumelela ekubeni abuye abe ngopilileyo, abuyeke kumsebenzi wake omkulu wase mbusweni; kodwa okwangoku anqatyelwe kukwenza nawupina umsebenzi, ate ke imisebenzi yesebe lake yapumla pezu kwam, ndibe ke ngoko nokunikela inyamkelo ngezinyanga zimbawo kwimicimbi yabantsundu engapezulu kokuba ndaka ndenjenjalo ngeminyaka eyandulelayo. Umpati-ntlanganis wenze amacapaza ngempato yabantsundu. Ke ndingati into esoloko ingumgudu wo Mpatiswa-Bantsundu

endite nam ndahamba emkondweni wake, kukuba ipelise ingxoxo engabantsundu kanye kweli lizwe. (Kwadunywa). Kufuti siyipulapula lengxoxo ingabantsundu ngeminyaka engapambili, yaya isidla ngokuti izipete ngemfazwe nabantsundu. Ambalwa amadoda akoyo kule Koloni, manditi bo, akuko mntu kule Koloni obeno. msebenzi wemfazwe njengam, aye amava am endibangela ukuba nditi, ngentliziyo yam yonke, ndiyatamba ukuba andisoze ndinike myolelo ukuba kudatylwa nokuba sinye isitonga emfazweni nabamnyama, ngalo lonka ixesha endinembeke yokupatiswa into zombuso kweli lizwe. Njengo.

kuba ke umbuso lo ulaulwa lolu luvo, nobehle nikolwe xa nditi yenye yezinto eziyintloko empaweni yombuso ukuba bazame ukuba impato yontsundu ingahluki kwimpato yabanye abantu beli lizwe. Asikolwa ukuba ahlungelw labamnyama okanye labamhlope ukuba abantsundu bapatwe ngendlela mhlaimbi ngometo owahlukileyo kulowo abapetwe ngawo abanye abantu bale Koloni; ndaye ndikolwa ukuba ekuzameleni lonto siyakuxhamla uxolo olungasoze lushukunyiswe nto pakati kwabantsundu. (Kwadunywa).

Mhlaimbi ngendingati olungasoze lwashukunyiswa, mayelana nantonina ekoyo apa e South Africa, kuba kuyaziwa ukuba kahla into ezintsha yonke iminyaka emibini apa e South Africa. Ngoko ndinga ndingaliroxisa elokuba alusoze lushukunyiswe, nditi ndinenkolo ukuba ihambiso azimisele kuyo u Rulumeni iyetembisa ukuba siyakuba nexsha elide lolxolo nabamnyama kule Koloni.

Lenteto iyanandipeka, kodwa unga umzi awungevuyi ezilibale ngenxa yayo, kuba eyona nto buya kuqondakala ngayo ubunyaniso bayo zinto esobona ezenza u Sir GORDON. Gqibi-ke. Kwatiwa ngocikida ingontsi-ngontsi sezifuba zabantu, “Nobaqonda ngeziqamo zabo.” Ngokunjalo nati sobona ngenzo ukuba u Sir GORDON SPRIGG, nyani-nyani, uzimisele ukuwulungiselela umzi wakowetu ngomoya ote gabalala —alungiselela ngawo imikondo-ngemikondo yaba mhlope.

Impawana.

KUKO inteto yokuba u Mr. W. B. Chalmers, imantyi efanelekileyo yase Qonce, uza kubehle apumle edinisweni la Komkulu, axhamle iphanshi ezeleyo, isihlalo sake sikankanyelwa u Mr. Ben Herbert Holland ongu Mantyi wase Bhofole okwangoku. Zininzi izinto ezalata ukuba oludaba luyinyaniso, emakube ke kwakamsinya siza kubona olunye utshintsho olukulu pakati ko Mantyi.

NGENYE imini amatyala amakulu ase Natal ayepulapula isicelo sebandla lase Tshatshi lase Natal libambene nelinye ihlelo—lika Bishop Colenso—kwilase Tshatshi. Inkahlukazi kubangwa umhlaba wokungewaba, ekwada ngo November xa kuya kungewatywa, kwaka kwahlutylwana ibhatyi, kwafinyenzelwana izihlahla zehempe ngumfundisi nomdala we Banda. Ufikile pambi kwamatyala lomcimbi, lifika iqgweta lecala lakwa Bishop Colenso liti nokuba bayavulelwa ukungcwaba kodwa mabangavunyelwa ukuba baze bangcwabe kona abantsundu nama India. Siy ipaula lento ngenxa yamazwi e Jaji Enkulu u Sir Henry Connor ate mayelana nokungewatywa kwa bamnyama :—“ Ukuba i Netevu ingu Mkris. tu ingaba inukunzwa ngomoyana ongemhle, kuba ubengatandayo evile ukuba bona bamhlope linjanina ibala labo emva kokuba befile.”

ISIKUMBUZO SIKWA WARNER.

[NGU SIZIBA SIVIWA NGODONDOLO.] Inxoxo ngalomcimbi ineminyaka pakati komzi waseba Tenjini, ixesha lonke ebekuseko izititi zakowetu o Mahonga no Sigenu, yaqubeka ntle, kwada kwagqitisa ngesha lika mfi Sigenu. kuba lelona xesha ibingun-dabamloneni ngalo, yinyaniso leyo enenga kupikwa bani.—Kude kwalixa abeselukukweni lokufa oka Sigenu, emisinyawo esiti mayakive indlu yesikumbuzo sika Warner, ibe kwa Bangindlala. Kwenye yentlanganis ngalomcimbi ukuba andiposisi warola yedwa ishumi lehamile zegusha. Isigqibo sona salomcimbi asisihle kanye; kokwam ukubona bekufile, kuba

KADE KUXOXWA ngalomcimbi, bada ubuninzi babantu badikwanguwo; bapelelve luvulo ukusa baxoxe ntonye. Ndikolwa ukube sesinye sezizatu eso, esibange ukuba sibenje isigqibo ; kuba kulomlanganis into yayisiti makungabisazikwa ukuteta. Enye indawo umzi waseba Tenjini ulahlekelwe ngenxa ka Sigenu, kuba ngokwam andiboni ndoda ililandela lake mayelana nokumisela into ngobuso obutylilekileyo entlanganisweni. Ngoku kusavuke amakwele pakati komzi, ngulowo utanda kungangaqubeka ngentando yake. Ke nkosi yam Mhleli ngokwanamhla andikungena kwisizatu enditsho ngazo ukuti sisangene esisigqibo sentlanganisyo yokugqibela ngalomcimbi oko ndokwenza msinyane.

OMAKUQWALASILWE NGABA TEMBU.

Ngokwam ngati indawo eyalutwe yi Mvo ye 13 February, yindawo yokungelwa iqwalaselwe ngaba Tembu. Kucingwe indawo yokuba kuqalwe umsebenzi wokwakwa kwesikolo esikulu saseba Tenjini, sakiwe kwa Bangindlala, kuba yeyona indawo inomhlaba omkulu we *Rona*, inamanzi kanjalo. Ityalike eba Tenjini zininzi nakuba zingekabaluleki zibentle, into esweleke kunene yimfundo kulomzi wakowetu, ke ngoko aba Tembu lendawo mabayikangele njengamadoda — abantu bakwa Bangindlala banawo amandla okuzakela i Tempile ka Tixo, bapume kwela gxokwane lika Mata lidala, bosibiza mhla bayivulayo.

Umzi waseba Tenjini lento mawuyijonge ngeso elihle.

MAKUQATWE ISIMNARI Ngale mali, nokuba ingebizwe ngo Warner, ukuba akufanelekanga oko, kodwa isimnari yona ibeko kungaba kufikelele. Ilinqata kum mna into ebonakele kwiipepa le 13 February, yindawo mna enditi mayibe ku Bangindlala.—Izizatu zokuchasa Indwana zingezwa ngemva ukuba aba Tembu bebengcinga njengamadoda.

[Siti tina mayibizwe ngo Warner, EDITOR IMVO.]

SIVE SABONA.

Amadodana akowetu ake atywa fwafuli ezikuleni, nawasezi dolopini angaba awayanga kwezongqili zemfundo azicingela ukuba ahlabululike, ate ngenqubo yoninzi lwawo *ezibhizinisi* azinika igama lokunga. tembeki. Ako angena kugxekeka nakubani ngelituba sita ngalo; kodwa umqulu wawo sewusoyikwa ngabaninzi. Incwadi zetu zemcimbi yabatunyelwa IMVO zibonisa ukuba impi ebanga ukuba uqaxaze ukuhamba umsebenzi welipepa ngamatyendyana anxiba ikala ne orlasi antsundu, imambane ongafika ziodola ngamapepa into ezi. ngasakunyaniseka ukuzihlala. Makube. kungenxa yalomhlambi ongewa umntu omhlope ekolisa ngokuti Umxhosa ofundileyo, okanye azibaleka ekuhlambulukeni, *is no good* ; ungangamezela Iqaba *ebhizinisi* kanye. Incwadi zetu esesitete ngazo zibonisa ukuba impi ematyala makulu asele ngamatsili, yimpi eyaka yetu ezikolweni, yimpi esebenza kozi Monti, e Bhai, e Rini, nase Dayimani. Esingazi ukuba iti makutiwe ihlabululeke inkohliso na. Yenzani ubuyo kaba!

Imichiza ka Mr. Jesse Shaw wase Bhofole siyavuya ukuba ukuba inento enkulu yoncedo eyenzileyo kulefiva ikoyo. Sigqite kuwo isifo kusuke sekufun' ukukohla kwisininzi ukuba kungalingwa ngantonina. Ndawana ifun' ukuti ingenise ubudidi mayelana nawo, kukuba afumaniseka nzima ezivenki. leni, esingazi ukuba kukuba u Mr. Shaw engawenzi ngokwanelele izikhuhlane ezikoyona. Kwanga kungebe njalo. Apa e Qonce siwafumana nge nkankulu, lonto iyadaniisa kuba ngamayeza ekufuneka eko kuzo zonke izindlu ukungqumza ubukhali bezikhuhlane. Sinosizi ukuba ngo Mr. Shaw ukuba naye njengati, usebudididini bokutshoniswa ngulomkondo kwabantsundu ukwaziyo ukuyaleza into ngeposi uze ungabi sacinga ngokubhatala. Nyani-nyani, kukulu okuya kupendulelwa zezi zilumkwana zingawazalisiyo amadinga !

Siyaqonda ngobuninzi nobude bencwadi ezivela kubahleli abase Bhai ukuba umzi lowo weyele ngelomkono kwingxokozelo eweliswe ziroro ngombuliso kwi Ruluneli nezinye izinto ezabako ngeloxesha. Ngati ingaba kukuphuhlisa ngapezu kwemfanelo eziziroro xa site ipepa salinikela ekuxubusheni lengxokozelo. Kwanele ukuba siyi- vakalisayo inteto yamacala omabini, asiboni luzizo ekuyikhubuleni inteto leyo. Kodwa impendulo ka “ M.” mayelana nesiroro esingo titshala ibingakanga ibinakale. Uti lom'bhaleli:—“ Ngalombuzo owubhekisa ko titshala nakwabazaziyo izimiso zokuhlulwa kwabafundisayo, make ndibuze kuqala kuye ukuba — uyititshala na? Ukuba uyiyi bekutenina ukuba uqale utabate umsebenzi wobutitshala ngeekazi izimiso zokubhatalwa kwetitshala? Ukuba ke usazakuba yiyo—yibuze lonto kumadoda apete esosikolo ojonge ukutabata sona, okanye mandikucebise ngeliti ungake ulinge uvume ukusitabata i Superintendent ingakucacislanga lonto. Ukuba ke akuyiyo ititshala okanye akujonge nokutabata lomsebenzi wobutitshala, mandikupendule ngeliti—lomcimbi ukude kuwe: ude wagabadele, ngoko ke geina indawo yako ukuba kungatshivo ukutiwa uy Foot.”

Ngokupatelele kwinteto ka “M.” neka Xakalashwe efikileyo ezingomcimbi we Address kwi Governor nokugxotwa kwabantu e Wesile—singati siyatamba ukuba kobanelisa abahloko betu xa sigqibe ngokungenisela ingxelo yentlanganisyo esiyifumeneyo ngalomcimbi; kwakona bobona ukuba inteto yake ngokugxotwa kwabantu e Wesile yandulelwe yeyombhaleli u V. Z. Asingcipisi indawo yezinye inteto ezizalise ingobozi zetu ngokubusha lento inye kungasakulelisa nto ukuyixoxa.

I Pearston ngumlanjana okwi nqantosi ze Kalo (karoo) ngapaya kwase Mfundo East. Amaqaba aqhele ilizwe langapakati ungaweve eteta nge Fofalife (Vogel Rivier) ateta nge Pearston le. Namhla intlango kuyasivuyisa ukuba ukuba inesikolo emakube kusalisaka kwesiprofeto kusintha? Ummunzana ongu Mr. H. Kruis ubalisa uti:—“ Ndiyamangalisa okokuba i teacher entsundu izokwenza umsebenzi omhle ka Egaka. Sibona inyatelo elihle apa tina bamhlope nabangamabala; sine teacher enye engu Peter Sicina pakati kwe Witte en Bruin Kleurdien. Bemno mvumo apa obete kwamnandi kanye ngolu lwesi-Tatu (February 19), senditeta nakwizifundo, kuhamba kakuhle kanye, sikangela ukuvulwa kwaso. Sidela nebhaso esilinkile yena ngobo busuku. Mna nditi siyavuka entlango.”

Njengokuba kungati kubeko ukungaqondi kumalungo o Manyano nge Mfundo, ngokuti ingxelo ye Ntlanganis yase Mgwali ingabonakali, ukuba kungabiko kurancala ukuba itshone kule ofisi, singa singavakalisa ukuba longxelo ayizanga yatunyelwa yi Secretary, esive ngezintso ukuba iwele ngelamahashe.

Kusivuyisile ukubona ngencwadi yombhaleli, “ Usiziba-Siviwa-ngodondole?” u- kuba inqakwana esalenza ngokwakelwa kwabantu bakwa Bangindlala itempiti ngumzi wonke wakwa Tembu kusitwa kukunjulwa u Warner, livakele ngendlela esasinga lingavakala ngayo. Kwaye kusikolisa ukuba Umtembu wegazi ayisekele into esiyishukumisileyo ukuba u Tembu azame i Simnari yobuzwe, aya kuyipata ngekwake, ukukhumbula inene elawenzela amalungelo amakulu umzi wase Batenjini. Isimnari ezikoyo, ukuba Abatembu abazi, zigigive nkuba zingayigqitigi ku Standard V. imfundo; kanti ukuzi ibe noncedo imfundo kufuneka iwapumelelise i Civil Service ne Law Exams, amadodana, afike nangezinye indlela kwisiganga sokuba abe nokuzixhasa kakulu ngemfundo. Ngati imfundo yolohlobo singavilindela kwisinala engati ikululeke njengaleyo ingakiwayo ilulwe ngumzi. Mayelana nendawo emayibe kuyo akungekangelwe kakulu indawo zo *Rona*—mayime kwisiganga sayo, kuba abantu baka *Rona* bangabuye bavuse iminyele. Into le singatanda icingwe ngentloko ezihluzekileyo.

NGE DUTYWA.

[NGUM'BHALELI.]

Esisiqingata, besesingadume ngaluto kwintlo zokukanya, kwa kwiminyaka ekufupi yamandulo, besilusana olusidodo, namhla luzamelu ukuhamba; abakade bebona bokumbula, isidodo yinto encedwayo ukuzi ihambe ngabazali. Kuyabuleleka kakulu kuba sinomzali oviye mantyi ikoyo ngoku u Mr. C. G. II. Bell, eqabukileyo, ezama ngawo onke amandla ayo ukubonisa abantsundu besiqingata amaqhanga afanelekileyo okuzinyusa ebuntwini, kwanokuzonwabisa ekuhlaleni — nokukutalela lomzana (village) i Idutywa ngokuwutyalala imiti; nokubonisa abantsundu abapetwe ngyue ukuba abapambili (Civilized) abapanisi kolaulo lwe Nkosazana. Nge Jubilee le napezu kwezinye izinto ezinokubonwa nangazehlo, ziyakwina nezindlu, umzi ontsundu okwenene waka kule village yase Idutywa i “Jubilee Hall ikukumbuzo impato ye Nkosazana.

NGE MANTYI, ukubonisa impi yayo entsundu ukuba izinyuse kwakuleminyaka ekufupi igqitileyo. Yoyisa ukubonisa ukuba lento uboya burolofu nizidla ngoyisa nuba nina zigusha, uboya bazo abusiwa neso ngabenzi bengubo zoboya; tengani inkuzi zohlobo, ukuzi nifumane imali ete nye ngoboya—izitumelele zafika, bazitenga, kuyazaliseka nabakuxelelwayo ngemali yoboya bezona gusha. Onenkunzi embi ungewa esongelwa nge ofisi.

UKUZONWABISA EKHULALENI.

Usuku lwe Nibidyalu (New Year) lwaba lolomdyaro wamahashe, kwakwelo tafa lidala, yayiko ebambileyo (acting) Inkulu ye Mantyi Transkei, u Mr. Liefeldt imantyi yase Guwa, u Mr. Stanford, nebambambileyo (acting) imantyi yakwa Gatyana u Mr. Hargreaves, nento eninzi yabamhlope nabantsundu. Kuncomeka kwabantsundu ukubaleka kwe pony ka Samuel Dingiswayo kuba imbaleki ka Dywilj inkokeli kwamakulu amahashe gwizi ukuba udumo lwayo lungahlutwa yilepona. Kanti yona ibipinda ukubaleka, ngokungeniswa kwamakulu. Ngalinye sincoma ubuhle, ngokucokiswa kwamahashe o nigala, ongena nkunzi okanye inkabi yehashe, kude e Rautini (Gold Field) nasezimkokotweni (Dimond Fields), yimirozo amahashe ukwelepezu. Lomdlalo usebenza into enkulu kwanjengasezigusheni ungewa umntu esiti, “Wetu tena lento yako izakona amahashe etu.”

IMFUNDO.

Singavuya imantyi ike ishukumise kwiqela elongamele isebe lemfundo, ukuba lipakamisa intloko, kusile nje lolungisa ninina. Upina umzamo wabo wakutazwa imfundo yosapo? Lupina uviwo lwentsapo oludiben nemidlalo yalo? Ukuze ati umntana lowo nalowo ayinyamekele imfundo, namahashe banakwive kolowivo. Lendawo sikankanya yona, yiyona ntloko yento zonke, nentsika yomzi, umzi mawungayisalisi emya.

I-CHRISTMAS, yaba

yimini yenkonzo enkulu kuma Tshatshi apakati kwe Tsomo nom Bashe apetwe ngu Rev. W. Y. Stead ose Guwa, imbedhoso nentshumayelo yayishushu kanye kona ngokuhlwa. Nama Free Church apantsi ko Rev. Mr. Thomson ayiqale ngalemni lenkoazo yolusuku.

IMPENDULO NGE

BHAI.

“ All's well that ends well.”

Malunga namazwi ka Xakalashwe nge *Address ye Governor*, noko akuko luncedo liyakuvela engxoxweni ngayo lendawo, kuba ingxoxo zetu azifiki endaweni yokuba zibe luncedo, ngenxa yokungamika kwetu imbeko. Yinto elusizi le, kuba ngoku sekuko umoya wokoyika nokusebenzela uhlanga; kuba uti owenza imizamo ange unyusa elake igama. Nawe Mhleli lonto sekukade ikhulela, uyayazi. Ukuba ke siyakulanda imibulelo kungaba akuko mntu woz e asbenzele uhlanga, igama lam noko umzulwana ka Xakalashwe uposile ukulifaka kuba yonke into endiyenzileyo bendinceda i Komiti Yeliso Lomzi, eyeza kundicela ndihleli endlweni yam. Lo Komiti inegunya lokuzifeza indawana ezinje—ngazwinye, imiselwe zona, ukuzi ifzihle lomzi. Loncwadi yombuliso kwakuhlangene intloko ezine ukuyiyila—o Revs. B. S. Dlepu, J. W. Gawler no Mr. Balla, — nam, ndacelwa ukuba ndiyile amazwi ayo. Yayingeyiyo ke ngoko into yangasese.

Indawana angaba uranella yona umfo ongummbi e Bhai ingaba yile yokuba kungabizwanga umzi wonke, ukuba lonto yayenzwe ngati kum ngekwapikiswana kwada kwaso, akwabiko nto yenziwayo.

Indawana ati u Xakalashwe ihlidlala ngalamazwi ati:—“ Siziva sinokukumka izwi lile Mhlelazi ukuba singabantu. abonwabileyo pantsi kwepiko le Nkosazana. Iminyaka ngeminyaka kuyakucaca-ngokucaca ukuba *amalungelo etu makulu kunawentlanga zakowetu ezisapetwe ngolaulo lwenkosi zazo lodwa.*” (*independent rule*). Kuko bani ufike wasasaza umoya wokuba sibhale ukuti tina *asizifuni inkosi*—umoya ke opantse ukuyichitha lento intle kangaka yenziwayo. Amalungelo ke esiteta wona ngawe Lizwi ne Mfundo, nokonwaba, nemiteto enqaka ubom bomntu, kunye nemfuyo yake, esifanelayo ukwabulela.

U Mr. Balla ngumntu omkulu—ngu bawo kum, kuba nguntanga ka bawo nkolwane lake kwasebutsheni. Kanjalo ngumntu omdala e Bhai. U Xakalashwe ngumntu kuye, ngumntwana kum. Nokuba imibulelo uyayinywa u Mr. Balla—ndikolwa ukuba akasekeleze kubulelwa noko ahla epambili kwinto zokunceda uhlanga—yona imbeko yodwa yobuntu obukulu ufanene ukuyinkqubo sityi. Akuko nto afike abesemva ekuyiqondeni u Mr. Balla; akuko nto ike ifezwe ngapandle kokuba abe uyakubuleleka esihla-enyuka kuzo zonke i Lokashoni zase Bhai, i £50 zokutetelela inkosi kubanjwa kwazo, yayinye opambili. Imali ka Tungumlo, evayikwi £16, ngyue owaye pambili ukuyibita. Imali yabatunywa kubuleleke yena ngayo. Andizibali iponti ezisixenxe (£7) ezintoto, zonedo lo Nkosi, nezinye imali zezintoto zomzi e Bhai, ebendiyi *Chairman* kuzo yena eyi *Collector*. Ebe-

ngumntu ngoku, ukuba besinemvo, wokuti lakuvakala igama lake ukuba beliko entweni anele wonke ukuba lonto mayibe ilungile. Kuluzisi kakulu ukuchasana kwetu okubanga ukuba side siswele imibelelo nembeko. Okwesam isiqu andinazwi, kuba bendizama uncedo lokusi u Kama, ute ngokuya imizamo yam yokunceda uhlanga, wandi putuma e Dikeni, ndaya ndamenzela amazwi amnandi ombuliso wo Mhlekezzi. Kodwa amakaya—abendlu yam, ngati kuko abanga neliswanga. Yimo ke leyo; kodwa wona umzi ufuna amadoda omsebenzi.—Ndime.

ISAAC WAUCHOPE.

EZABA BHALELI.

UKUNGANYANISI KWA MABANDLA.

MNUMZETU.—Ndikucela ukuba undifakele lemigcanga imbalwa apo epepeni. Ndinga ndingalalisa abafundisi, abadala, ??? li nazo zonke intlobo zabapati ???ente, imfuneko yokuba kubuye kukangelwe kumiselwe umteto ocacileyo nofanekelileyo malunga nolwaluko. Lento ayibonakalisi nyaniso elizwini lika Dali, ukuti kudume ukuba kusisono ukwaluka nokwalusa, kanti kuzakuti kwakwalukwa yintsapo yamakolwa ngokukodwa eyabadala (Elders of the Church) njengokuba kunjalo nonyaka apa, ufike kusenziwa isiko elimanyumnyezi nelicapukisayo. Kokwam ukubona likohlakela kude le kunesiko lamaqaba ukuti kutawete umkweta endle azokuba nesutu ekaya. Mandilinganisele Mhleli: makwaluke u Don lowo uve kusitiwa nankuya e Ngqokweni uyekumtata. Ungafika ukwenza ukuti kulendlu yako yemitandazo nobu Kristu umkpepe uyobe neyake apo aqabela kona ifuta, wabe utate nabeminye imizi bezokuhlala kwakweli lako isutu, kumana kuvukwa kuqatywa kupunywa kuyiwa kwabanye bamagaba base Ngqokweni kuhlalwe kona yonke imi kubuywe xa likatshona. Kona ukuba lonto ubungayenzayo abazali babantwana bezo zindlu umelene nazo bebengaxolayo na? Kuba elisikizi libonisa ngoku nababantwana basamunayo, wofika kwabesebekudlwana sebanani ukuya kuqaba ifuta emlanjeni. abancinane baman' ukukhala nasebusuku besiti " Naba abakweta." Ungabaniwa uke wayenza lonto apo, Noko anditei kuwe wedwa ndibekisa kuni nonke bashumayeli nabakoloni. Apa kuti kunjengokuba nditeta. Ukuba buhlungu kwentliziyo ngexa yolu lwaluso lwabadala, kanti babesiti sisono ukwaluka. Ukuba bekungenye kuzo zonke i Ramente kanye kubetele ukuba umntu ayokukonza kwi ramente engamnteto unje. Elona nditeto nditi lomteto maubuye ukangelise into ekutiwa sisono mayibe sisono kubantu bonke bangati abanye bazokuyayisa ngobukweta. Mandike ndime.

THOMAS BOTTOMAN. Falconer, February 15, 1890.

UKUQWALASELA INTO EZINGENTO.

NKOSI MHELI, — Ndbone epepeni eligqitileyo, inteto yenene elitile ebeliteta ngomtshato, lisiti mauchitwe emni, ngokuba kuti wakusiswa ati amadodana kanti selemke nentombi ebusuku; ke ndiyabona ukuba nosizi kakulu ngohlanga. Nditi mna uyaviposa eyona ndawo afelele ukuti yona, xa efuna ukusindisa uhlanga lwakowabo; Nantsi indawo yokuqala emelwe ukungiswisa. I. Asimtshato owona amantombazana, kukuya kusebenza edolopini, akulunganga kanye ukuba umntana oyintombazana ashiye umzi ayekusebenza edolopini kufuneka note waya eskolweni ati akupuma ayekuhlala ekaya asebenze imisebenzi yakokwayo; ilokwe enye ironoro entombazani, asizazi ziyakufunwa edolopini ukuba zezantoina, oletshe bebaleka emva koletshekazi nje, benziwa kuba babafunama oletshekazi aba besisulu ezidolopini apo kungoko mteto. Lungisa lendawo ke kuqala ukuze wandule ukubona kakuhle ngecala lomtshato. 2. Abazali abaposisi ngokuyala umntwana wabo nakuba ebeyalive etyalikeni, lonto wawuyibone pi wena ukuti umntana epuma ekaya abazali bangabisavula milomo, wenz' ukuba fan' ukuba akukabi namntana uteta lonto nje. Mzi wakowetu zamani ukwaka uhlanga ningaluchiti.

J. M. HLABENI. Cape Town, 19 Nov, 1889.

ABATENGISWE NGABAHLORO.

Ndibuyile e Johannesburg kanye nomkosi wama Geina ngelihambele emakaya, nto sifike sayiva nesiyibonileyo ngamhlo kukutengiswa kwaba Tembu ngabatandi bohlanga ngokuzitsho kwabo kwiminyaka engapambili kwe 1880, u Gecele, Inkosi yama Geina wacela imvume ku Rulumeni yokupha ifama kwabantundu emhlabeni wake, bazifunama ke, zizo ezi bazitengisayo namhla, andideli ntengiso yinto yomntu loko, koko nantsi indawo endingayiqondiyi ezifama bezitengwa ngaba Tembu koko abantandi bohlanga abavumanga bangxamele ukuzitengisa kwabamhlope "ngomona" kuba amawabo emnyama efan' ukuba nemali yabo ikwanjalo ngesosizatu, namhla abantu abamelene nezofama zo baas bayincitakalo kuba kumhlope ukuba ukufuya kona kuyakuba yingaba kubo, ngokumhlope kona kwixesha elingelide ukuba ontundu akenzanga qinga limbi, wonke lomhlaba yakuwela komhlope, andazi kambe ngabatandi bohlanga lwabo abo banjalo. Ndim owenu, DUNCAN S. MAKOHLISO. Cala, 12 Dec., 1889.

AMACULO ASE RABE.

U Mr. Wauchope uqale umkondo omhle kakulu wokuzasisa ababhali bala maculo ase Rabe. Kekaloku nam ndandike ndakuzama ukuyifumana lendawo, nakuba mna ndingadange ndifumane mntu uqinisekileyo ofana naie ntombi ??? Bennie ekankanywa ngumzalwana ??? Wauchope. Bennie endinga ndingalenza lelokuti kula ndinawo amagama andiwahluli abangu aqula amaculo abehleli eko ngesi Ngesi, nangaba ayilwa ngala magama ndiza kuwakananya. Ndithe ndakutlekisa okwam ukwazi nokuka Mr. Wauchope ndafumana ukuba kumaculo abahlwa ngu BENNIE siyavumelana kula : 4, 9, 16, 20, 23, 25, 30, 32, 40, 41, 46, 48, 51, 54, 56, 58, 63, 64, 66, 69, 79, 71, 72, 73, 85, 95, 97, 99, 114, 115, 141, 155, 173; ukuba la abalwa ngu Mr. Wauchope yedwa: 2, 5, 8, 12, 13, 14, 15, 29, 67, 109; ukuba la akum ndedwa: 17, 26, 27, 143,

150; nokuba iqela lesine lelipambeneyo; yena uwafaka ku Bennie, kanti okwam ukuxelelwa kwatiwa ele 3 liku Soga, ele 10 liku Dugmore, ele 76 nele 161 aku Chalmers.

Kwaka CHALMERS siyavumelana ngapandle kwala mabini sendiwabalile, ate yena wawafaka ku Bennie.

Kwaka SOGA, la aku Wauchope yedwa 68, 101, 103, 184, 187; eli likum 210. Ela 49 mna ndilifaka kwaka Bennie. Kwamanye onke siyavumelana.

Kwaka DUGMORE omatandatu siyangqinelana. Ndingateta elozwi nangeli ka Ross, nelika Ntsikana, nelika Ogilvie.

Aka BIRT omabini aku Wauchope yedwa. Aka NEWTON akum ndedwa, ngala: 92, 125, 133, 140, 145, Kwelam iqela kutiwa ela 91 leluka Key; ela 211 leluka Liefeldt.

Kwaka NIVEN asixenxe esingqinelana kuwo, angala: 24, 28, 43, 65, 100, 174, 175; mabini aku Wauchope yedwa, la: 11, 98 ; elikum ndedwa leli, 147; ele 146 mna ndilifake kwaka Bennie.

Ukwenjenjalo ke kukuvumela u Mr. Wauchope kweliti, bako abantu abakunqwenelayo ukubazi ababhali bamaculo, abade batabata inxamleko yokubalanda kodwa bapellelwa pakati, abaya kuvuya benceediwe aza alungiswa ngabaqondayo amaculo abangaba bawaposisile. Elinye ndingati bekunganqweneleka nokuyenza nde ingxoxo engawo lamaculo. Bako abangasayi kuyinyamekela, abangenazo nezincwadi siteta ngazo; abangaba mhlambi abazange bazibone nokuzibona. Kwabanjalo singati tina bafana no Wauchope maze nisinnyamezele kancinane. E. M.

IHAMBISO YESIKOLO.

